

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal

STUDY

You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊


Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



SA EXAM
PAPERS



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)


IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha asi-10.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A****1.1 Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 EColosa.√ (1)

1.1.2 Wayehamba ngeenyawo√/ wayengakhwelanga√/ wayengakhwelanga nto√. (1)

1.1.3 Ludaba lokukhulelwa kukaNandipha√/kukumitha kukaNandipha√/ wamithisa uNandipha√/wakhulelisa uNandipha√/wamithisa√/ kukuba nzima kukaNandipha√/ wayephathise uNandipha. √ (1)

(Nayiphi na kwezi)

1.2 Jonga kumhlathi 2

Wayeyazi kakuhle engayithandabuzi inkohlakalo kayise√√ / Wamtyityimbisela umnwe, wamthembisa ukuba wayeza kumenza into embi√√/ Wayeza kumnyathela esiswini mhla wenza umonakalo onjalo engatshatanga√√/amhlanbe phakathi kwamasango omzi wakhe√√/ uyise wayeza kumbulala ngezandla√√.

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.3 Jonga kumhlathi 3

1.3.1 '... sekumbovu kubhalwe iimviwo zokuphela konyaka'√/ sekumbovu kubhalwe iimviwo.√ (1)

1.3.2 Wayencwase ukufunda ade ayokufikelela kwiYunivesithi yaseTranskei√√/azuze imithika yezidanga zemfundo enomsila.√√ (2)

1.4 Jonga kumhlathi 4

Kusekuseni√/ ngonyezi√/ ekuzeni kusa√/ kusasa kakhulu√/ ngentseni.√ (1)

1.5 Jonga kumhlathi 5

1.5.1 Wafikelela kwisigqibo sokuya kufuna umsebenzi√ / wafikelela kwisigqibo sokufuna isingxungxo.√ (1)


1.5.2 Wazula-zula imini yonke, engena ephuma, ephuma engena kwimizi-mveliso lada latshona tshoce ilanga√ /wazula-zula imini yonke engena ephuma.√ (1)

- 1.5.3 A. ✓/wayeyithe tshwa ekhwapheni✓//A. Wayeyithe tshwa ekhwapheni✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.6 **Jonga kumhlathi 6**
Kwathi qatha ingcinga yobugebenga baseSoweto awakhe wabaliselwa ngabo✓/wakhumbula amabali✓/wacinga ngamabali angobugebenga baseSoweto.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.7 **Jonga kumhlathi 7**
- 1.7.1 Wavuswa liphupha.✓ (1)
- 1.7.2 Luvalo nezibilini ezazinyukile✓/ukuvumbuluka kwesilwanyana angasaziyo✓/kwavumbuluka isilo angasaziyo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.8 **Jonga kumhlathi 8**
- 1.8.1 Kukuwafihlela ukuba uyichole ifile✓/ wawaqhatha ngelithi uyizingele wayibulala✓/wathi uyizingele wayibulala.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.8.2 Bendiya kucela uxolo kutata✓✓/bendiya kusiyeka isikolo ndifune umsebenzi✓✓/bendiya kucela uncedo kwizizalwane✓✓/ bendizakuthi makasikhuphe isisu✓✓/ bendinokuyeka isikolo ndiye kubilela umntwana wam✓✓/ ndingazibulala kuba ndisoyika utata✓✓/ bendiya kucela ukuba abandiphe ithuba ndigqibe ukufunda ndibuye ndiye kusebenzela umntwana wam/ bendingazimela.✓✓
(Naziphi na iimpendulo zabafundi ezichanekileyo zamkelekile) (2)
- 1.8.3 Yimfundiso yokuba akulunganga ukwabelana ngesondo ungumntwana✓✓/kubalulekile ukuphulaphula iimfundiso zabantu abadala✓✓/ sukungxamela izinto zabantu abadala ungumntwana✓✓/ ndifunde ukuba ulutsha lujongene nemiceli mingeni emininzi✓✓/ xa usengxakini ingqondo yisebenzise.✓✓
(Naziphi na iimpendulo zabafundi ezichanekileyo zamkelekile) (2)

[20]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

B.N.N.




tyhila iphepha

SM NWS

ISICATSHULWA B

- 1.9 Babonakala belulutsha✓/bengumlisela nomthinjana✓/bengamakhwenkwe namantombazana✓/babonakala bephakathi kweminyaka eli-16 ukuya kwiminyaka engama-20 /baseyintanga yesikolo✓/bakumabanga aphakamileyo.✓ (1)
(Nayiphi na kwezi)
- 1.10 Kukubonakalisa ukubaluleka kokufunda ngamaqela✓/ kukubonakalisa iimeko abafunda phantsi kwazo abantwana babaNtsundu✓/ ikhuthaza ukuba abantwana bafunde✓/ ikhuthaza ukubaluleka kokufunda ngamaqela phambi kwexesha leemviwo.✓ (1)
- 1.11 Abafundi bafunda iincwadi zabo ngamaqela✓✓/abafundi bancedisana ngomsebenzi wesikolo✓✓/abafundi bafunda ngokuzimisela ukulungiselela iimviwo zokuphela konyaka.✓✓ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)
- 1.12 Lalitshisa✓/ kwakushushu✓/lalifudumele✓/yayipholile✓ / laliphakathi✓/ kwakubanda.✓ (1)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo))
- 1.13 Abanye abafundi abanxibanga mpahla yesikolo✓/indlela abanxibe ngayo✓ /abanye bathwele iminqwazi✓/abanye berne ngeenyawo✓/ akukho titshala✓/ abafundi bakwithala leencwadi.✓ (1)
- 1.14 Isinxibo✓/ukufunda iincwadi✓/ukulungiswa kweenwele zamantombazana✓/ izitulo✓/iitafile✓/ igumbi eli bakulo✓/amakrwala afundayo, kudala ayethunyelwa emigodini.✓ (2)
(Naziphi na kwezi)
- 1.15 Zozibini imixholo yazo ingabafundi, nokufunda✓✓/ ingemfundo✓✓/ ingemfundo kulutsha.✓✓ (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

BNN

ICANDELO B: UKUBHALA ISISHWANKATHELO**UMBULO 2**

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|----------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|------------|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| 1. | Umfundisi uGeorge uzama ukubonisa iindlela zokuba ngumntu ophumeleleyo nowenza umahluko kubomi babanye. | 1. | Umfundisi uGeorge ufundisa abantu ngokuphumelela nangendlela abanophucula ngayo ubomi babanye abantu. |
| 2. | Sisengabantwana sasiye sibuze kwaye siphuphe ngezinto esinqwanela ukuba zizo xa sesibadala. Leyo yayiminqweno yethu ekukhuleni kwethu ukuze sibe ngabaphumeleleyo. | 2. | Umbono yenye yezinto ezibalulekileyo ezimenza umntu aphumelele. |
| 3. | Ekuhambeni kwexesha abazali bethu basithathela izigqibo ngezinto ekufuneka sibe zizo nendlela abayibona ngayo impumelelo. Kwabanye abantu yasebenza loo nto yokukhethelelwa kodwa kwabaninzi ayibanga naziphumo zihle. | 3. | Abazali babakhethela amakhondo amabawalandele abantwana babo nathi abeneziphumo ezihle okanye ezibi. |
| 4. | Injongo yeli ngaku kukunceda abantu bohluwane nokuleqa impumelelo kuba befuna udumo. Impumelelo mayingabutshintshi ubuntu bethu de silibale nemvelaphi yethu. | 4. | Umntu ophumeleleyo makakwazi ukunceda abanye abantu ukuze bakwazi ukuphumelela./ Ukuleqa impumelelo ngokufuna ukwaziwa akulunganga. |
| 5. | Izidingo zobomi zifuna intsebenziswano nokusebenzelana kwamakhono ukuze ubomi bube yimpumelelo. | 5. | Inkqubela phambili ebomini ixhomekeke kwindlela owenza ngayo izinto, yaye kufuneka kusetyenziswane njengoko sinezakhono ezahlukileyo. |
| 6. | Singabantu siyingqokelela yeziphiwo neetalente ezifihlakeleyo. Akukhathaliseki nokuba uphethe, usisikhulu sepolitiki, uyinkosikazi ehleli ekhaya, unendawo yakho ehlabathini eyeyakho kuphela. | 6. | Wonke umntu ubalulekile nokuba ukweliphi inqanaba ngokomsebenzi awenzayo. |
| 7. | Yonke indima oyinikwayo lithuba lakho ukuba uzibonakalise. Ubomi nokuba buza nantoni yamkela ngezandla zozibini wenze kangangoko unako. Ubuncwane buza xa uwa-mkele uxanduva onalo. | 7. | Lisebenzise ithuba elivelayo ukuze uphumelele ebomini. |

[10]

OKANYE

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

| | |
|------------------------------------|---------------|
| DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION | |
| 2012 -11- 15 | Tyhila/phepha |
| PRIVATE BAG X 110 PRETORIA 0001 | |
| PUBLIC EXAMINATIONS | |

BNW

EM NWS

UMHLATHI

Umfundisi uGeorge ufundisa abantu ngokuphumelela nangendlela abanophucula ngayo ubomi babanye abantu. Umbono yenye yezinto ezibalulekileyo ezimenza umntu aphumelele. Abazali babakhethela amakhondo amabawalandele abantwana babo nathi abe neziphumo ezihle okanye ezibi. Umntu ophumeleleyo makakwazi ukunceda abanye abantu ukuze bakwazi ukuphumelela. Inkqubela phambili ebomini ixhomekeke kwindlela owenza ngayo izinto, yaye kufuneka kusetyenziswane njengoko sinezakhono ezahlukileyo. Wonke umntu ubalulekile nokuba ukweliphi inganaba ngokomisebenzi awenzayo. Lisebenzise ithuba eliveleyo ukuze uphumelele ebomini..

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10**Ukukorekiswa kwesishwankathelo:**

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo-manqaku**

Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
Amanqaku ama-3 olwimi.
Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**

1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule:**


- 1–3 amanqaku acatshulweyo nama-3 ukuya kwama-4 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-3.
- 4–5 amanqaku acatshulweyo nama-2 amanqaku anikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika amanqaku ama-2.
- 6 amanqaku acatshulweyo nenqaku eli-1 elinikwe ngumlingwa ngamazwi akhe: Nika inqaku eli-1.
- 7 amanqaku acatshulweyo: Akukho manqaku anikwayo.

QAPHELA:

- **Imo:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha




Tyfifa iphepha

• **Ubalo-magama**


- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingiweyo ungawahoyi alandelayo.
- Izishwankathelo ezifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma makungohlwaywa.

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

- 3.1 Izama ukwenza umtsalane kwishishini labo✓/uzama ukulobela abantu kwishishini labo✓ / kukubiza abantu✓/ bafuna ubabone ubuhle babo ubathembe kumsebenzini omhle abawenzayo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Sijoliswe kubanini bamashishini eeBnB✓/nee-ofisi✓/kubantu abaneendawo zokuhlala✓/ ikhaya✓/ kubantu abanezakhiwo abafuna ukuba ziphuculwe.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.3 Ukuloba abathengi✓/ukwenza umtsalane✓/ ukudiwengula iingcinga zabathengi✓/ukuze abathengi bakwazi ukuqwalasela ukuqaqambisa imveliso yabo✓ /ikunika ukunika ulwazi oluthe vetshe ngentengiso leyo✓/ ukuqaqambisa izintlu ngezintlu zolwazi olo lubhengezwayo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.4 Lusetyenziselwe ukuveza imisebenzi emihle abayenzela abantu✓✓/ukutsala umdla kumsebenzi wabo.✓ ✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.5 Ulawulo lweeProjekthi✓/ukuhombisa ngaphakathi nangaphandle✓/imihombiso yangaphandle.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.6 Akukho nkanga idubul' ingethi.✓ (1)
- 3.7 Siyahambelana✓ kuba bathi benza umsebenzi omhle✓/ asihambelani kuba andiboni bungqina bomsebenzi wabo abathi mhle.✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 3.8 Lisetyenziselwe ukubonisa ubunini✓/sisimnini✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

[10]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

BNV


SM
NOV
2012

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

- 4.1 **Jonga kwibhokisi 1**
- 4.1.1 B✓/Kumakhwenkwe✓/B Kumakhwenkwe✓ (1)
- 4.1.2 'kwezi ntsuku'.✓ (1)
- 4.2 **Jonga kwibhokisi 2**
- Lisetyenziswe njengesihlomelo sexesha✓ / lalatha ixesha ekwenzeke ngalo isenzeko.✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.3 **Jonga kwibhokisi 3**
- Nebrashi✓ / esigrendi.✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.4 **Jonga kwibhokisi 4**
- Uyagxininisa nokuyimela into ayithethayo✓✓ / uyabethelela✓✓ / uyamcacisela✓✓ / uyamqondisisisa.✓✓
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.5 **Jonga kwibhokisi 5**
- Imfundiso yococeko✓ / ukubaluleka kokukhathalela amazinyo.✓
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.6 **Jonga kwibhokisi 6**
- Ukudikwa✓ / ukukruquka✓ / ukucaphuka✓// umsindo✓/ukuncitheka✓/ ukonyanya✓/ ukungayithandi into ethethwe kuye✓.
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.7 **Jonga kwibhokisi 7**
- Bayevana✓ bakhathalelene kuba uShoti umthengele isipho sentlama yamazinyo nebrashi✓/ bathanda ukugezelana✓/ kuba umxelela inyani njengomhlobo wakhe✓/ kuba ubudlelwane babo buhle kuba efuna ukuba uShoti ahlale ecocikile emhle.✓

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

BNN




Tyhja iphepha

Abevani✓ kuba uChiskop uthi ungakulinge undiqale ke wena, Sibhanxa✓ /
kuba uChiskop uleqa uShoti✓/ uyamgezela✓/ ubudlelwane babo bubi kuba
uShoti ubonakala edelela uChiskop akamxeleli kakuhle uyamnyemba.✓ (2)

(Nayiphi na kwezi)

[10]



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

BNN


UMBUZO 5: ULWIMI NEZAKHONO ZOKUHLELA

- 5.1 B✓/Kwisininzi✓/B Kwisininzi✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.2 Sisetyenziswe salandela isibizo✓/ sisetyenzise emva kwesibizo✓/ sandulelwa sisibizo✓/ sahamba nesibizo✓/ ukugxininisa.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.3 Uhlobo lokuqondisa✓ kwixesha langoku.✓ (2)
- 5.4 Unotshe! ✓/ Andiphindi✓ kwakho ndizikhathaze ngezinye iintsuku.✓
(Nasiphi na isiphene esilungiswe kwezi zintathu) (1)
- 5.5 Libonisa indawo✓ lisisihlomelo sendawo✓/ isalathandawo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.6 Isivumelanisi sentloko.✓ (1)
- 5.7 Sisibanjani✓ / sisibanjalo sochazo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|--------------------------|----------------------------------------------------|
| 5.8.1 Igatya eliyintloko | B Indebe ilindele abo.✓ |
| 5.8.2 Igatya elibalulayo | C bawuthakazefelayo umsebenzi lichaza 'abo' ku A.✓ |

(2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

BNW

EM NUSA